basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**EXEMPLAR 2014**

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: 2 iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha ali-13.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMANE angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30 amanqaku) |
| ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10 amanqaku) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (30 amanqaku) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala iCandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCandelo ngalinye.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | 50 imizuzu |
| ICANDELO B: | 30 imizuzu |
| ICANDELO C: | 40 imizuzu |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

### ISICATSHULWA A

1.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**IZIFUNDO ZOBOMI**

1. 'Nokuba yintoni oyenzayo, ungajongi ezantsi' la ngamazwi ethu enkuthazo kumsasazi weLive Amp uLuthando Shosha onama-23 eminyaka. Kwakugqitywa kufotwa inenekazi lekhava yethu, liyazingca ngokuba nesibindi. Oko ephumelele ukhuphiswano lokuba ngumsasazi we'Live' ngoMeyi kunyaka ophelileyo, ubomi butshintshile kuLuthando kwaye njengokuba sihleli phambi kwakhe, usibalisela ngezifundo zobomi azifumeneyo kwezi nyanga zili-11 esembindini wezibane zeqonga.

2. 'Ndaphumelela olu khuphiswano kuba ndeza nento eyahlukileyo. Amantombazana amaninzi ayevavanywa ayezama ukulinganisa uBonang Matheba owayengumsasazi weLive becinga ukuba inye indlela yokuphumelela, kukuba bafane naye kuba esasaza kakuhle. Mna ndaba ndim andizange ndizame ukulinganisa akwenzayo kwaye ndicinga ukuba oko kwandisebenzela.' 'Ndenza endinako kuvavanyo ekugqibeleni ndaphumelela,' itshilo le mbalasane. ULuthando wayekhe weza kuvavanyo lwangaphambili lweLive ngowama 2010, kodwa yayinguMinnie Dlamini ophumelelayo kuloo nyaka. 'Ngethuba lokuqala, andizange ndifike nokufika kwabavotelwayo.'

3. 'Andiqondi ukuba ndandikulungele emphefumlweni nasengqondweni ukufumana lo msebenzi. Ngelo xesha, ndandisandula kuyeka ekholejini kuba abazali bam bengakwazi ukundihlawulela. Ndandifuna umsebenzi ngamandla ukuphelisa imvakalelo yokoyiswa. Ngekwakukuhle ukufumana umsebenzi kodwa ndandiya kuphalala phantsi kwezibane zeqonga ndingomeleli njengangoku. Kwakungekabililo ithuba lam lokuqaqamba xa ndicinga.'

4. Kudala uLuthando wayengazi nto ngeTV okanye nantoni na edibene nosasazo. Kuvavanyo lwesibini, wayesele elungile kuba wayesele enamava okuba phambi kwekhamera emva kokusasaza inkqubo yaseBay TV (esisikhululo sasekuhlaleni seTV eBhayi) kwaye engumsasazi wenkqubo yakusasa eKingfisher eBhayi isikhululo sosasazo saseBhayi. Kwityeli lesibini, wayesele enawo amavana endlela yokuziphatha phambi kwekhamera.

5. 'Ndiye kwiLive ndiwavule onke amehlo kwaye ndamkelwe ngezandla ezishushu. Enye into, eli libali lam, nohambo lwam, ukuya kule nkqubo sele ndicinga ukuba ndiza kuba sisithunzi sikaBonang ngekwakonakalise yonke injongo yokuphumelela olu khuphiswano nolonwabo olweza nale mpumelelo,' itsho le mbalasane izinzileyo entloko engazanyazanyiswa ngoonondaba. Kubonakala ngathi uLootlove akazihluphi ngezinto ezithethwa ngaye ngabanye abantu kwaye uzimisele ukuphucula isakhono sakhe azenzele igama. Ngeli xesha uLuthando wayesazama ukuqhelana nale nkqubo, uBonang wazisa ukuba uyayishiya inkqubo. ULootlove

usixelela indlela awayothuke ngayo nokuthandabuza okwamfikelayo. Iinyanga ezintathu awazichithayo ezama ukuqhelana nenkqubo zasuka zathi shwaka ngenxa yesaziso sikaBonang, kwakuza kufuneka ngoku ibe nguye umsasazi ophambili wale nkqubo angabi ngoncedisayo.

6. ULuthando wasusa intandabuzo wazixelela ukuba unako watsho wakwazi ukumelana notshintsho lwale nkqubo. Ngokokutsho kwakhe, la mava abengawona anzima. 'Kwakukuninzi ekufuneka ndimelane nako. Kwaqala ukuzithandabuza; ndaphantse ndavumelana neentetho ezigxekayo ndacinga ukuba andikwazi ukusasaza. Ndandiye nditsalele umama umnxeba ndimxelele ukuba ndiyayeka kule nkqubo kodwa andixelele ukuba ndingancami ndityhalele phambili. Ndibone apho ukuba kufuneka ndizithembe ndingahlutshwa ziintetho zabantu.'

7. Ngonyaka wama-2008, ngexesha wayesenza unyaka wakhe wesibini kwizifundo ze 'interior decoration' eRhawutini uLuthando kwanyanzeleka ukuba ashiye phakathi isikolo kanye xa wayeza kubhala iimviwo zokugqibela. ULuthando uthi ukubuyela ekhaya kwakungathi woxuthwa ikamva lakhe. 'Kwakungathi kukho umntu owohluthe ikamva lam walibumba layibhola waze waliphosa kwithafa elimnyama ndashiyeka ndikhangela.' Uthi umama wakhe wayefana neliwa lokusithela ngelo xesha limnyama ebomini bakhe. 'Umama wayendivumela ukuba ndikhale ndikhuphe konke ukukhathazeka kwam. Ndandisazi ukuba kubuhlungu nakuye kodwa ndandiziva ndoyisiwe. Ndiza kwenza ntoni? Ndiza kuya kusebenza evenkileni yeempahla?' Wandinika iinyanga ezimbalwa emva koko wadikwa kukuzisizela kwam wathi mandiphume ndiye kukhangela umsebenzi.

8. ULuthando wafumana umsebenzi kwa-'Inspirations' njengompapashi weemveliso. Ngexesha esebenza apho wadibana noTheunis Pienaar owayesebenzela eKingfisher FM wamcela ukuba aye kweso sikhululo aye kuvavanywa ilizwi. ULuthando wagqibela enenkqubo yakhe yakusasa. Amathuba aye ngokuvela kuba waphinda waqeshwa njengomsasazi kwinkqubo ye-Bay.

9. Unombulelo kuba ngoku unemali ethe kratya epokothweni kunangaphambili kwaye nangona eyisebenzisa ngobulumko, ukwanombulelo kuba unako ukuzifekethisa yena nosapho lwakhe. Ingathi esona sifundo apha kukuba xa usebenza nzima, uzinikela kwaye uqwalasele iinjongo zakho, kungenzeka nantoni na nkqu nakwintombi encinane enamaphupha amakhulu!

[Sicatshulwe kwimagazini i*Bona*, April 2013]

1.1.1 Chonga amazwi enkuthazo abhekiswa kumsasazi we Live Amp yimagazini i*Bona*. (1)

1.1.2 Xela into eyenziwe nguLuthando Shosha ukuze aphumelele ukhuphiswano lobusasazi. (1)

1.1.3 Kwakutheni ukuze ayeke phakathi esikolweni uLuthando? (1)

1.1.4 Nika indawo aqale kuyo ukuphangela uLuthando. (1)

1.1.5 Ndima ni eyadlalwa ngumama kaLuthando kwimpumelelo yenkqubo yakhe ekusasazeni? (2)

1.1.6 Shwankathela ngesivakalisi esinye indlela awaziva ngayo uLuthando kwakuba kunyanzelekile ukuba ashiye isikolo. (2)

1.1.7 Ibinzana 'ndiziva ndimncinci' lithetha ...

A ukuncipha.
B ukuzidelela.
C ukukhathazeka.
D ukuzithethelela. (1)

1.1.8 Siyahambelana na isicatshulwa nesihloko. Kutheni usitsho nje? (2)

1.1.9 Abe luncedo njani amava ekuwufumaneni kwakhe umsebenzi. (2)

1.1.10 Ungathi luluphi uphawu oluphambili olulindelekileyo kumntu olandele ikhondo lokusasaza kumabonakude? Phendula ujolise kuLuthando. (1)

1.1.11 Kwaba nafuthe lini kuLuthando akuziqonda ukuba nguye umsasazi ophambili? (1)

1.1.12 Ibutshintshe njani ubomi bukaLuthando into yokuba nemisebenzi emibini? (1)

1.1.13 Cebisa ngeendawo ezimbini abafundi abanokuya kuzo xa bekwimeko efana nale uLuthando wayekuyo yokungabi namali yakugqibezela esikolweni? (2)

1.1.14 Imeko yokungaphangeli kukamama kaLuthando ibonisa ntoni ngemeko yezoqoqosho yoMzantsi Afrika? (2)

1.2 **ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Sicatshulwe kwi-intanethi yaza yahlelwa]

1.2.1 Khankanya into ibe ebonisa ukuba lo mfanekiso unxulumene nemfundo. (1)

1.2.2 Ujonge kulo mfanekiso khawusizobele iimvakalelo zalo mntu unyuka ileli. (2)

1.2.3 Inokuba yintoni injongo yokuvezwa kwalo mntu egwencela ileli kulo mfanekiso? (2)

1.2.4 Bungozi buni lo mfo anokuhlangabezana nabo xa enokuphuncuka? (1)

1.2.5 Umzingisi akanashwa. Ngqina oku ujonge isicatshulwa A nesicatshulwa B. (4)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda ngocoselelo ISICATSHULWA B esingezantsi. Kwesi sicatshulwa kukhuthazwa abafundi bebanga le-12 ukuze baphumelele.

**QAPHELA:** Kulindeleke ukuba wenze oku kulandelayo:

- Shwankathela ngawakho amazwi ungacaphuli njengoko kubhaliwe kwitekisi.
- Impendulo yakho mayingadluli kumagama angama-70–80.
- Shwankathelwe ngomhlathi kuphela.
- Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko sesishwankathelo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko.
- Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

**UKOYISAKALA NGEMPUMELELO**

1 Ubomi ngu ina -ethe xa ufuna ukunyuka kufuneka uqale phantsi. Umntu ofuna ukufumana kufuneka anikele kuqala. Ukuba ufuna ukuthandwa, thanda nawe. Kunjalo ke nalapha, ukuba ufuna ukuphumelela ufanele ufunde ukoyisakala ngempumelelo! Kumele uqale udlule kwiintlungu ukhe woyisakale, maxa wambi uphoxeke, ukuze uzuze impumelelo, intlonipho, ukumanyelwa nenkuseleko. Kude kube ngathi kukhona into efayo apha kuwe ngaphakathi. Uba nomsindo, uzigwebe ube nokuzisola. Ezi ngcinga zingakutshabalalisa ukuba uzibethisa ngoyaba. Ungazibona sele uthabatha izigqibo eziza kuphela zikhathaza abantu obathandayo.

2 Ayisosiphelo sakho ukoyisakala ngaphandle kokuba uyakuvumela. Ndilifundile ibali lekumkani yakudala yamaJuda, yona eyathi nangona yayithandwa nguThixo kodwa yazibhuda izinto ngokukrexeza, yaxoka yaze yabulala. Igama layo lavakaliswa nguThixo kweso senzo sibi kangako. Yaba ligama likaJedediah-othandwayo nguThixo. Ukoyisakala ngokokuziphatha akumelanga kube sisiphelo sakho. Akukho nelinye ibali lomntu ophumeleleyo endakha ndalifunda elingazange libenako ukoyisakala.

3 Ukoyisakala kuyafundisa; mhlawumbi uyazi ngendoda eyaqala yenza isibane sombane kunye nokuzama kwayo izihlandlo ezingamawaka kodwa yade yayichana. Waviwa esithi, 'andoyisekanga amatyeli amaninzi kodwa ndifundile amatyeli amaninzi.' Kubalulekile ukulibala iinkcukacha ukuze ufunde isifundo. Oku ke kudinga ukuzinikela. Ukusoloko ukhumbulana neenkcukacha zokoyisakala kwakho kungabangela utshabalale. Umzekelo ukusokola kungayindawo elungileyo yokufunda ukukwazi ukuphila ngokuncinci. Umntu ogcina iinkcukacha zendlela asokole ngayo, loo nto iza kuchaphazela indlela obaphatha ngayo abantu nemali. Ngaphandle kokoyisakala sizala yimpakamo nekratshi yaye sicinge ukuba sibhetele kunomntu wonke, Loo nto iza kusenza sibagwebe abanye abangekafiki kwibakala esikulo thina, Ukuze woyisakale ngempumelelo yoyiswa usiya phambili. Ubomi bufana nesikolo; awusokuze uye kwelinye ibakala de uphumelele ukulo kuqala. Ukuba uhlala usoyiswa yinto enye oko uza kuma endaweni enye. Ungakwazi ukudlulela kwezinye izinto

## ICANDELO C: ULWIMI

### UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

# KWAMFUNDO S.S.S.

**SAKHA IKAMVA ELIQAQAMBILEYO!**

***Ufuna umntwana wakho abe nekamva eliqaqambileyo?***

GXABHAGXABHISA UMBHALISE KWAMFUNDO, IINDAWO ZIBALIWE! ASIKHO ISIKOLO ESIDLULA THINA NGOKWANEZA IIMFUNO ZOMFUNDI!

***Iyafumaneka nenkxaso mali kubafundi abangathathi ntweni, abazimiseleyo!***




**Iinkokeli neenkcubabuchopho eziphambili zeli zixongxwe kweli ziko! Abantwana sibanika imfundo egqibeleleyo. Baqeqeshwa engqondweni, emizimbeni nasemiphefumlweni.**

**Sibalola abantwana baphume belungele imiceli-mingeni yelizwe!**

***Bafika besithi, Vrityi, vrityi umngqush'uvuthiwe, baphume sebephupha ngalwimi zonke.***

**SINAWO ONKE AMAKHONO UMNTWANA ANQWENELA UKUWALANDELA. UMNTWANA NGUNGQA-PHAMBILI KUTHI!**

Ukhuseleko luphambili! Ulinde ni?



**Ababhalise kuqala abaneziphumo ezihle abalishumi bokufunda simahla kwikota yokuqala!**

**Imbila yaswel'umsila ngokuyalezela! Qhagamshelana nomabhalana ngezi ndlela zingezantsi zonxibelelwano.** **Idilesi: Kwamfundo High school, PO Box 422, Kwa Gqumashe, Alice, 5600. Imfonomfono 0422-988203, e-mail, inqununu.kwamfundo@gmail.com, Webhusayithi www.inqununu.kwamfundo.com**

[Sicatshulwe kwi-intanethi yaza yahlelwa]

3.1 Kutheni ibinzana **'SAKHA IKAMVA ELIQAQAMBILEYO'** libhalwe ngqindilili? (1)

3.2 Sesiphi isixhobo sokubhengezo esisetyenzisiweyo kumqolo 'Ufuna umntwana wakho abe nekamva eliqaqambileyo'? (1)

3.3 Caphula igama libe LINYE alisebenzisileyo umbhali sibhengezo ukutshutshisa abathengi. (1)

3.4 Umthengisi xa esithi, 'iindawo zibaliwe' uthetha ukuba:

A Inani leendawo uyalazi
B Inani leendawo ulibalile
C Izithuba ezikhoyo ziqingqekile
D Izithuba ezikhoyo ziliqela (1)

3.5 Ilogo yesikolo ingaba inxulumana njani nomxholo wesibhengezo-ntengiso? (2)

3.6 Cacisa isizathu esinokubangela ukuba ufune ukuya kufunda KwaMfundo. (2)

3.7 Umthengisi usebenzise ibinzana 'ukhuseleko luphambili' bonisa ukuba eli binzana uliqaqambise njani kwesi sibhengezo-ntengiso ngomfanekiso? (2)
**[10]**

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**




[Sicatshulwe kwi-intanethi saza sahlelwasahlelwa]

4.1 Yintoni engqina ukuba uLuyo uwonwabele umdlalo? Khankanya into ibe NYE? (1)

4.2 Isimamva u-ana kwigama 'uyintwana' usetyenziswe ukuphuhlisa ntoni kwibhokisi yesi-2? (1)

4.3 Igama lemboleko u 'uyabhulisha' lithetha ntoni? Lithathwe koluphi ulwimi? (2)

4.4 Caphula izinto zibe MBINI ezibonisa uloyiso lukaLuyo kwibhokisi yesi-5? (2)

4.5 Sebenzisa isaci esikwibhokisi yesine kwisivakalisi, uphuhlise intsingiselo yaso. (2)

4.6 Ukuba ibinguwe lo kuthiwa makahlambe iiteki ubuza kuthini? (2)
**[10]**

**UMBUZO 5: ISICATSHULWA**

Funda esi sicatshulwa, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**AMANDLA AMAZWI**

1. Amazwi anamandla anobugqi obungummangaliso. Ayakwazi ukuba ngamanqwanqwa okukunyusa nokukuhlisa akubeke bhaxa phantsi. Ngoko ke simele sisebenzise **inhluza** xa siwasebenzisa. Ayakwazi ukubinza okwekrele kanti ayakwazi ukuba mnandi okobusi.

2. Akakho umntu onokwamkela ukugxijwa, ukuthukwa nokunukunezwa ngalo lonke ixesha. Singabantu sineentliziyo ezahlukeneyo ezinye zi-ethe-ethe azinako ukumelana nokubi. Ilizwi elinye elimnandi ngosuku emntwini litshintsha ebe kukrakra kube nencasa.

3. Abanye abantu baye ngamanye amaxesha bayilibale loo nto, batsho ukombelela abantwana ngezithuko namazwi arhabaxa njengo 'ungungantweni' okanye 'akukho apho uya khona'. Baphosa ukuba ilizwi liyadala, ubone umntwana efuna ukungqinisisa loo nto ngokungafuni ukuphinda azimisele kuba uyayazi uluntu alulindelanga nto kuye. Abazali nabo bayayiphosa loo nto kuba uya kubabona bebiza abantwana ngamagama angakhiyo.

4. Elokugqiba, ilizwi eliphumileyo alikwazi ukubuyela apho livela khona. Amazwi ayawuphembelela umlilo kwawona ayazikhama iinyembezi. Ngoko ke amazwi wasebenzise ngobuchule nobunono. Umntu unomlomo omnye neendlebe ezimbini, loo nto ibonisa ukuba sande ekumameleni sinciphe ekuthetheni.

[Sicatshulwe kuvimba wabevi saza sahlelwa]

5.1 Lisetyenziswe njani igama 'Anamandla' kwesi sivakalisi silandelayo?

Amazwi anamandla awabagqibi obungumangaliso. (1)

5.2 Senze msebenzi mni isifanekisozwi esibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esilandelayo?

Akwazi ukuba ngamanqwanqwa okukunyusa nokukuhlisa akubeke **bhaxa** phantsi. (1)

5.3 Bhala ngokupheleleyo igama lesiXhosa elibolekwe kolunye ulwimi eliphuhlisa eli likrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi.

Wazibona sele ekwimeko ebecinga ukuba ikho kwiTV kuphela. (1)

5.4 Isimamva u-ana esikrwelelwe umgca ngaphantsi kumagama akwisivakalisi esingezantsi siphuhlisa ntoni?

Ukuthandana niqala ukubonana kuyamangalisa. (1)

5.5 Lungisa isiphene esikwigama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi:

Ngoko ke simele sisebenzise **inhluza** xa siwasebenzisa. (1)

5.6 Ukusetyenziswa kwesibanjalo sotyumbo 'ungungantweni' kwesi sivakalisi, sisetyenziswe ukuphuhlisa oku kulandelayo:

A Sigxininsa ungabikho ntweni.
B Siqaqambisa ungabikho ntweni.
C Salatha ukungabikho ntweni.
D Sicacisa ukungabikho ntweni. (1)

5.7 Bhala isivakalisi usebenzisa isenzi 'ufuna' kwisivakalisi esiphuhlileyo athabathe iinjongosenzi ezimbini ngoncedo lwesimamva sesixando. (2)

5.8 Ngqamanisa igatya nodidi lonxulumano lwalo kule tshati ingezantsi.

| IKHOLAM A | | IKHOLAM B | |
|---|---|---|---|
| 5.8.1 | Ayazikhama iinyembezi. | A | Igatya eliyintloko. |
| 5.8.2 | Amazwi ayawuphembelela umlilo. | B | Igatya elintanganye. |
| | | C | Igatya elibalulayo. |

(2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**